# Isitiya sikaTatomkhulu uFukufuku

Imifanekiso ngu: Sam van Riet

Umbhali ngu: Matthew Kalil

(itekisi iguqulwe ukuba ibe yile Ncwadi iNkulu)

**Ikota yesi-3** – INcwadi eNkulu yesi-5



IsiXhosa

GAUTENG PROVINCE
EDUCATION
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

GGT 2030
GROWING GAUTENG TOGETHER

T3_5 Grandpa Farouk's Garden_big book_X.indd 1 2021/11/04 20:16



UTatomkhulu uFukufuku wayenesitiya esixekweni. UGugile wayemtyelela qho ngeveki khonukuze amncedise. Wayeyithanda imithi kunye nezityalo ezazisesitiyeni.



UGugile noFukufuku babekuthanda ukutya iziqhamo ezazisesitiyeni. Ngenye imini uTatomkhulu akazange alitye ipere lakhe. Lalinamabala abonisa iindawo ezitye kuzo izilwanyana ezitshabalalisayo.



"Isitiya yam siyafa," watsho uTatomkhulu. "Xa unokujonga uqwalasele, uza kubona izilwanyana ezitshabalalisayo zisitya izityalo. Kufuneka sibe noobhantom abaza kutya ezi zilwanyana zitshabalalisa izityalo."



T3_5 Grandpa Farouk's Garden_big book_X.indd 3 2021/11/04 20:16



UGugile waqokelela
oobhantom abalishumi waze
wababfaka ebhotileni yegilasi.
Wababonisa uTatomkhulu.
"Wenze kakuhle, mfo wam!"
watsho encumile uTatomkhulu.



T3_5 Grandpa Farouk's Garden_big book_X.indd 4 2021/11/04 20:16



UTatomkhulu uFukufuku wayivula ibhotile baze babhabha baya esitiyeni oobhantom. Baqalisa ukutya izilwanyana ezitshabalalisayo.



T3_5 Grandpa Farouk's Garden_big book_X.indd 5 2021/11/04 20:16



UTatomkhulu wavuya kakhulu. Oobhantom bazitya zonke izilwanyana ezitshabalalisa izityalo saze isitiya sikaTatomkhulu uFukufuku sakhula, sakhula, sakhula.



T3_5 Grandpa Farouk's Garden_big book_X.indd 6 2021/11/04 20:16

Le Ncwadi iNkulu ibhalwe nguWordworks.
Umyili wencwadi kunye neqweqwe layo nguJacqui Botha.
Iguqulelwe esiXhoseni nguNtsiki Ntusikazi. Ihlelwe nguNtsiki Ntusikazi.

Iguqulwe kwincwadi ethi *Grandpa Farouk's garden,*
epapashwe yiBook Dash (www.bookdash.org).

Le Ncwadi iNkulu inelayisensi eyinikwe yiCreative Commons Attribution 4.0 License (http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/).

BY NC SA